# Ukuphucuka njengoMfundisi onjengoKrestu—Uvavanyo Lobuqu

Njengootishala, kufuneka sihlale siwavavanya amandla ethu kunye nobuthathaka bethu ukuze sikwazi ukunceda abafundi bakhe ukholo kuYesu Krestu kwaye bafane ngakumbi naYe. Lo msebenzi ulandelayo unokunceda a usebenzise imigaqo yemfundiso efana nekaKrestu. Cinga ngendlela nganye kwezintetho zilandelayo ekuchaza kakuhle njengotitshala. Khetha eyona mpendulo ifanelekileyo kwintetho nganye: (1) kunqabile, (2) ngamanye amaxesha, (3) rhoqo, (4) phantse ngalo lonke ixesha.

Emva koko, ngokukhokelwa nguMoya, khetha ngokomthandazo izinto ezimbalwa ongathanda ukuziphucula. Beka iinjongo ezithile, kwaye usebenzise esi sixhobo ukuze sikuncede uphucule.

## Gqalisela kuYesu Krestu

__ Ndifundisa ngoYesu Krestu nokuba yintoni endiyifundisayo.

__ Ndigxininisa umzekelo kaYesu Krestu.

__ Ndinceda abafundi baqonde uthando lweNkosi, amandla, kunye nenceba ebomini babo.

__ Ndinceda abafundi bomeleze ubudlelwane babo kunye noBawo waseZulwini kunye noYesu Krestu.

__ Ndinceda abafundi ukuba ngokuzithandela bazabalazele ukufana ngakumbi noYesu Krestu.

## Thanda Abo Ubafundisayo

__ Ndizabalazela ukubona abafundi ngendlela uThixo ababona ngayo.

__ Ndizama ukwazi abo ndibafundisayo—ukuqonda iimeko zabo, iimfuno, kunye namandla abo.

__ Ndithandazela abafundi ngamagama.

__ Ndidala indawo ekhuselekileyo apho bonke abantu bahlonitshwayo kwaye besazi ukuba igalelo labo lixatyisiwe.

__ Ndifumana iindlela ezifanelekileyo zokubonakalisa uthando lwam.

## Fundisa ngoMoya

__ Ndizilungiselela ngokwasemoyeni ukufundisa.

__ Ndiphendula kwiintshukumiso zomoya malunga neemfuno zabafundi.

Ndidala iindawo kunye namathuba okuba abafundi bafundiswe nguMoya oyiNgcwele.

__ Ndinceda abafundi bafune, baqonde, kwaye benze intshukumo ngokwesityhilelo sobuqu.

__ Ndinika ubungqina rhoqo, kwaye ndikhuthaza abafundi ukuba babelane ngeemvakalelo, amava, kunye nobungqina babo.

## Fundisa iMfundiso

__ Ndizifundela ngokwam imfundiso kaYesu Krestu.

__ Ndifundisa ngokusuka kwizibhalo ezingcwele kunye namazwi abaprofeti bemihla yokugqibela.

__ Ndinceda abafundi ukuba bafune, baqaphele, kwaye baqonde iinyaniso ezikwizibhalo.

__ Ndigqalisela kwiinyaniso ezikhokelela kwinguquko kunye nokwakha ukholo kuYesu Krestu.

__ Ndinceda abafundi bafumane okuphathelele kubuqu kwimfundiso kaYesu Krestu.

## Mema Ukufunda Okukhutheleyo

__ Ndinceda abafundi bathathe uxanduva lokufunda kwabo.

__ Ndikhuthaza abafundi ukuba bamazi uMsindisi ngokufunda ivangeli yonke imihla.

__ Ndimema abafundi ukuba balungiselele ukufunda.

__ Ndikhuthaza abafundi ukuba babelane ngeenyaniso abazifundayo.

__ Ndimema abafundi ukuba baphile oko bakufundayo.